ISEBE LEMFUNDO LASEGAUTENG

UVAVANYO LWEBANGA LESHUMI ELINESIBINI

ISIXHOSA ULWIMI LWENKOBE
UHLELO OLUPHANTSI
(Iphepha Lesibini)

---

## ICANDELO A
### IMIHOBE

*Aweselwa 3* – **Kwetana W.M. (Umqokeli).**

1.1.1 Ubomi bunzima kakhulu. (2)

1.1.2 Imigca – 3 nowe 4. (2)

1.1.3 Qinani nomelele. (2)

1.1.4 Igxininisa ukubaluleka kokuhlala ethembeni. (2)

1.1.5
- Xa unethemba uyoyisa.
- Xa unethemba awutyhafi.
- Ithemba livelisa imizamo.
- Ithemba liphelis' ubugwala.
- Ithemba liyaphumelelisa. 1x2=(2)

1.1.6 Uphinda–phindo / Imvano–siqalo. (1½)

1.1.7 Ithemba. (1)
**[12½]**

**OKANYE**

1.2.1 Yimvano–siqalo. (1)

1.2.2 Igxininisa ubukhulu bukaYehova / yakha isingqisho. (2)

1.2.3 KuSombawo Wethu, Igwiba Lenyaniso. (1½)

1.2.4 NguYehova / uMdali / uThixo. (1)

1.2.5
- Wena Sombawo! = Ubawo wethu sonke.
- Wena Sonininí! = Ukho ngamaxesha onke.
- Wena Sokulunga! = Unguyise wokulunga.
- Wena Ntozonke! = Ungumnini wezinto zonke.
- Wena Solufefe! = Unofefe / unenceba. 2x2=(4)

| | | |
|---|---|---|
| 1.2.6 | Ithetha ukuthi uThixo unyulu. / Akanasici. | (2) |
| 1.2.7 | Ngamakholwa. | (1)<br>**[12½]** |

**OKANYE**

| | | |
|---|---|---|
| 1.3.1 | Eli hashe lathengwa nguyise wembongi eJamani. Kumnumzana uFederick.<br>Lilihashe lohlobo laseJamani. | (3) |
| 1.3.2 | Liyatyityimba. | (1½) |
| 1.3.3 | Aliqhwaleli koko lenza izimbo / amatshamba. | (2) |
| 1.3.4 | Yimfano–zandi. | (1) |
| 1.3.5 | Indlela elithanda ngayo eli hashe. | (2) |
| 1.3.6 | Ngumgca – 6. | (1) |
| 1.3.7 | Okwentambanane. | (1) |
| 1.3.8 | Yimvano–siqalo. | (1)<br>**[12½]** |

**OKANYE**

| | | |
|---|---|---|
| 1.4.1 | Imigca – 1 nowe –2. | (2) |
| 1.4.2 | Ingxaki yalo mntu ayipheli. | (2) |
| 1.4.3 | Umvandedwa. | (1½) |
| 1.4.4 | Kaloku lo mntu uphethwe nguwo akayichazi ingxaki le. | (2) |
| 1.4.5 | Kukuzibulala. | (1) |
| 1.4.6 | Umbilisi ngqondo. | (1) |
| 1.4.7 | Umgca – 9. | (1) |
| 1.4.8 | Ushiyo lwezikhamiso. | (1) |
| 1.4.9 | Umgca – 8. | (1)<br>**[12½]** |

**AMANQAKU ECANDELO A: [25]**

## ICANDELO B

### UMBUZO 2

2.1 Nanzi iingongoma ezingalindeleka kwimpendulo yakhe.

Kukho ungquzulwano oluqhubekayo kulo mdlalo phakathi kwamadoda amabini, uZinzo Tsontso noDlangisa umfo kaMaqhwa. Ngelishwa uZinzo akanalwazi ngonobangela wokuthukwa nokwenyeliswa nguDlangisa. UDlangisa yena unesikhwele. Kaloku wayekhulelise intombazana enguNomafa ebutsheni babo. Kuthe yakuba nzima wayikhanyela, wayibetha, wayithuka, wayingcungcuthekisa yada yabhitya, yaxhwitheka, iphelile zizivubeko zomphefumlo nezomzimba. Kwakuba njalo wayithi tya, wathi phithi yintombi awayeyibiza ipikoko, uNomatshawe. Ngethamsanqa uNomafa wacholwa nguZinzo, owamthanda, wamtshata enjalo. Wamamkela neso sisu enyanga zisibhozo. Wafumana umntwana, bampha igama elinguBhongo. Wamkhulisa nzima ke bethu uZinzo, ehamba eqokelela amathambo neebhotile apha elokishini, athengise. Imali wayonga wafundisa lo mntwana phofu engenalwazi lokuba ngokaDlangisa.

Kwelinye icala uDlangisa akazange afumane mntwana kwipikoko yakhe. Kwathi kwakuba njalo wacinga ngendlalifa yakhe ekhuliswa nguZinzo. Waqala apho ke umona. UDlangisa owayeligosa lesekethe, wayedla ngokushumayela ngoZinzo akunikwa iqonga eCaweni okanye emifihlweni. Nto leyo eyenza uZinzo wayithiya iCawe esithi kushunyayelwa ngabantu. UNomafa oyinkosikazi kaZinzo wayezenza ongazi nobangela wengxabano phakathi kwala madoda. Maxawambi ubephoxa uZinzo ngelithi yena akayi eCaweni ukuya kutolika iintshumayelo zabaShumayeli. Yayimkhathaza gqitha le nto uZinzo, ade aphinde ezi ntlamba zikaDlangisa akufika kwinkosikazi le yakhe. UDlangisa wayesithi uZinzo ngumqiqibala weqaba othi wakuba ufundisile uzibone ngathi sel' ukhucuke imbola, unguGqirha. Wayethetha njalo kuba emazi uBhongo ukuba ufundela ukuba nguGqirha. Ngelinye ixesha avakale esithi "Andithethi ngezi zinunza–nunza zabameli bethu abaphangela izinja zelokishi amathambo." Zazimthunuka gqitha uZinzo ezi ntetho, kodwa uNomafa enze ngathi uZinzo ulandelela uDlangisa engenzanga nto.

Ngaminazana ithile la madoda aphantsa ukubambana ngezandla kwamfundisi Mgqwaki, ngelixa kwakusenziwa amalungiselelo omfihlo wakhe. UDlangisa wayeya kwarhwebesha uZinzo ngezenyeliso, esithi akazi gunya namthetho malunga nokufihlwa komfundisi, njengoko engengomntu wankonzo. Kulapho wazincama khona uZinzo, wamfuna esiqwini uDlangisa, esithi uza kumfundisa ukuphila nabantu engabazi nje. Kwanqandwa amahali–hali apho, UMnu. Mpahla wazama ukuthomalalisa loo mlilo. Kwakuba njalo naye uZinzo waluqhubela phambili olu ngquzulwano ngokuthi afune kanye le venkile kaMpahla iqeshwe nguDlangisa. Isicelo wasipapasha kwiphepha–ndaba, waza uDlangisa waqula wagangatha ngelithi uza kuziphindisela kwezo ntshaba zakhe zidibene ngaye. Wathumela ootsotsi bakhe ukuba baye kuqhekeza emzini kaZinzo, bathwale inkosikazi yalapho bayise ehotela eseSea–Point. Waphinda wayalela ukuba kutshiswe ivenkile kaMpahla le ayiqeshileyo. Ngenene kwaba njengemiyalelo yakhe.

Kuthe akuva ukuba itshile ivenkile, wenjenjeya ukuya kwisikhululo samapolisa esiya kumangalela uZinzo noMpahla esithi ngabo abatshise le venkile. Emva koko wenjenjeya ukuya kuBhongo, wafika wazazisa kuye ukuba unguyise, hayi laa nja imkhulisayo ingazaliyo, izalelwa ngamanye amadoda. Esamangele njalo uBhongo, kwangena uyise, unina, noninalume uPozina. Batsho besithi beve konke okuthethwe nguDlangisa apho. Wothuka kakhulu uZinzo akuva ukuba hleliwe nje le ndoda inguDlangisa imthiyele ukukhulisa nokufundisa unyana wayo? Waba nemibuzo ebuhlungu kwinkosikazi yakhe ngokumfihlela into enkulu kangaka iminyaka emininzi kangaka? Wajuba xa kulapho noNomafa wakha wafa isiqaqa. Kusenjalo uPozina wayalela uSpeedo ongumgulukudu kaDlangisa, ukuba achaze konke akwaziyo ngoDlangisa. Kulapho wakhupha umpu uDlangisa ezama ukudubula uZinzo. Wabanjwa nguPozina bajijisana, waza wazidubula uDlangisa phofu akalimala kangako.

Kumhla waphuma uhili ezingcongolweni. Imibuzo kaZinzo yaphenduleka. Wabubona ubunyoka nobunzulu benkosikazi yakhe ngaloo mhla. **[25]**

**OKANYE**

2.2.1 NguZinzo. (1)

2.2.2 Emzini kaMfundisi uMgqwaki. (1)

2.2.3 Kwakusenziwa amalungiselelo omngcwabo kamfundisi. (2)

2.2.4 Uqhubeka kwaLanga, eKapa. (2)

2.2.5 Uthi uZinzo ugqibela izinja zelokishi amathambo. / Ungumqiqibala weqaba elithi lakufundisa nalo lizibone ngathi selikhucuke imbola. (2)

2.2.6 UDlangisa uzonda uZinzo kuba ekhulisa umntwana wakhe (Dlangisa) onguBhongo, nangona uZinzo engayazi loo nto. (2)

2.2.7 UDlangisa uligosa eCaweni ekwanguSomashishini ekuhlaleni. (2)

2.2.8 NgawaseMaNtlaneni. (1)

2.2.9 Afikelela ekubeni uMfundisi aye kungcwatyelwa kokwabo eBalfour, eKatala. (2)

2.2.10 – intesha = sisisu esikhulu. (2)
– ndiyakuwacudisa = ukuwaphelisa / ukuwagqiba. (2)

2.2.11 NguPozina. (1)

2.2.12 NoSpeedo. (1)

2.2.13 NguNomafa. (1)

2.2.14 Wakhulelwa, wangcungcuthekiswa, waza washiywa kwesinomhlwa lelo soka lakhe. (3)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B: [25]**

## ICANDELO C

### UMBUZO 3

3.1 Umvavanywa angacangcatha phezu kwezi ngongoma:

I. Ukufika kwakhe kwisipani sikaSimeli.

UYoliswa yintombi entle kakhulu evela eKapa. Wafika eSoshanguve eze kufuna umsebenzi wokukorekisha amaphepha eemviwo zebanga lesiBhozo. Wafikela kuSimeli owayephethe isipani esasikorekisha ulwimi lwenkobe. Wayehamba noNomvula noPhinda. Ekungeneni kwakhe sashukuma sonke eso sipani sibona ubuhle bale ntombazana. Wayemhle umntwana womntu, enxibe kakuhle kakhulu, kunjalo nje limhlala ilaphu lomLungu. Wayetsho ngeebhengele zesilivere, enwele zinde zibetha emagxeni. Imithombothi awayeyifake apho yayivakala kamnandi emathatheni kunjalo nje iyeyexabiso eliphezulu. USimeli wathi uYoliswa aze abuye ngengomso ukuze abone ukuba akangemfaki kwisikhala somntu ongaphumelelanga ukuza kukorekisha. Ngenene ke wafika baze bahamba basa amaphepha eemviwo ePitoli. Indlela awayemhle ngayo, yayimphambanisa umfo kaSimeli.

II. Ukudala ingxabano emzini kaSimeli.

Endleleni esinga ePitoli woyisakala ukuzibamba umfo kaSixaba, wabhekisa apho entombini. Wayeman' ukuqutha umlomo wakhe apha uYoliswa ngendledlana ethandwa nguSimeli. Bavumelana ke baza bathembisana ukuba abayi kubabonisa abo basebenza nabo ukuba sele bevumelene. Bafika waqalisa ke ukusebenza nabo uYoliswa. Kwathi kuba ziyawoyika umbethe, zaziwa ngokukhawuleza ezo ndaba zabo. Kwada kwasuka uNondotsololo ongumkhaya kaSimeli waya kuzixela zonke kwinkosikazi kaSimeli. Lwaqala apho ke ungquzulwano phakathi koSimeli nowakwakhe. Balwa kakhulu, bagrwangxulana, bade maxawambi babambane nangezandla.

Kulapho wancedekala khona uYoliswa, wenza unanko–nanko ukuqhubela ungquzulwano phambili. Wayezikhethele umfo kaSixaba, etshatile engatshatanga. Wayedla ngokusuka lee eKapa aze kuqasha ihotele ekufuphi nomzi kaSimeli. Wayedla ngokufuna ukuqonda ukuba uza kutshatwa nini na yena? Wayethanda ukubethela uSimeli ucingo maxawambi emazi ukuba akekho emzini wakhe. Ubedla ngokuyiphendula uNokwanda, aze akubuze ukuba ngubani ofuna umyeni wakhe? Athi 'putyu' uYoliswa. Zizinto ezazibanga uqhushululu olukhulu ezi emzini kaSimeli. Babexabana kakhulu uSimeli nowakwakhe emva kwale minxeba ebethwa nguYoliswa. USimeli ubedla ngokumshiya njalo uNokwanda kwakuba nje, aye kuphozisa kuYoliswa. Enze kanye le nto ifunwa nguYoliswa. Umtshato wabo wawusemngciphekweni wokuphela ngenxa yentokazi yaseKapa.

III. Iimali zikaSimeli.

UYoliswa wayedla ngokuza nentombi yakhe uNomasomi bahlale ehotele ekufuphi nakwaSimeli. USimeli wazibhaqa selethengela lo Nomasomi iimpahla. Naye phofu uYoliswa ebathengela abantwana bakaSimeli. Wayeman' ukumbuza uSimeli ukuba uza kumphatha njani na umntwana wakhe bakuba betshatile? Kulapho uSimeli wazibona sele efana nomntu onesithembu. UYoliswa lo wayeboleka iimali ezinkulu kuSimeli esithi uza kuzibuyisa, angake atsho ukuzibuyisa. Wayengakwazi ukwahlulela phakathi kwemali ayibolekwayo naleyo ayiphiwayo. Ngenye imini uSimeli wabiza imali yakhe engamaR500 eyayibolekwe leli gqiyazana. Lothuka alakwazi nokuzibamba, limangaliswa kukuba angathini uSimeli ukubiza imali yakhe kuye? Wacaphuka uSimeli wafuna ukuqonda ukuba ngaba uYoliswa lo uyarentisa na? Wadana wamanzi uYoliswa kukuphoxwa olo hlobo nguSimeli. Kumhla wabopha iimpahla umthwalo wakhe wabuyela kwelakowabo. Washiya uSimeli esentlungwini engummangaliso kuba nomzi wakhe wawusemngciphekweni wokuphela ngenxa kamakad' enethwa waseKapa. **[25]**

**OKANYE**

3.2.1 BangooDikela. (1)

3.2.2 LikwaLanga / eKapa. (1)

3.2.3 Babesegumbini likaYoliswa eSoshanguve. (1)

3.2.4 Ngumsebenzi wokukorekisha amaphepha eemviwo. (1)

3.2.5 Ngumnu. Simeli Sixaba. (1)

3.2.6
- UNomvelelo mdala ngelixa uYoliswa eselula.
- UNomvelelo utshatile ukanti uYoliswa akakatshati.
- UNomvelelo unomzimba omkhulu, ngelixa uYoliswa enesiqu esihle nesilingeneyo.
- UNomvelelo uncwase uSimeli kanti uYoliswa selethandana naye 3x2=(6)

3.2.7
- Bobabini ziititshalakazi.
- Bobabini ngabakwaDikela.
- Bobabini bathanda uSimeli.
- Bobabini baze kukorekisha amaphepha eemviwo zebanga lesiBhozo.
- Bobabini basebenza kwisipani sikaSimeli. 1x3=(3)

3.2.8 Uthi amadoda atshatileyo uwakhetha kuba :
- Anenkathalo.
- Ayawagcina amadinga.
- Ayalwazi ucwangciso.
- Abapha imali.
- Ayabahlonipha.
- Anothando. njl. 1x4=(4)

3.2.9 NguNokwanda. (1)

3.2.10 NguMbuyi no–Unathi. (2)

3.2.11 Uve iindaba zokuba umyeni wakhe uthe swii lelinye igqiyazana aphangela nalo. (2)

3.2.12 Ushiywa ziingqondo / uyaphambana. (2)

**AMANQAKU ECANDELO C: [25]**

**AMANQAKU EWONKE: 75**